Downloaded from eduresourceza.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMATHATHU.

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Izincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathana emide | (30) |
| ICANDELO C: | Imihlathana emifutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo OMNYE kwicandelo NGALINYE.

3. Bhala ngolwimi obuzwe ngalo.

4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uwucwangcise umsebenzi wakho (umzekelo: imephu yeengcinga/umzobo/imizobo ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njalo-njalo), wandule ukuwufundisisa uwuhlele. Kunyanzelekile ukuba uyilo LUKHOKELE isincoko nemihlathana

6. Kunyanzelekile ukuba zonke izicwangciso zakho uzibhale ngokucacileyo. Kuyacelwa ukuba ukrwele umgca kuyilo ngalunye.

7. Uyacetyiswa ukuba icandelo ngalinye ulabele ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | imizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: | imizuzu engama-40 |
| ICANDELO C: | imizuzu engama-30 |

8. Nombola iimpendulo ngendlela izihloko ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esifanelekileyo.

   Qaphela: Awabalwa amagama akwisihloko xa kubalwa amagama asetyenziswe kwisincoko nakumhlathana.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

**ICANDELO A: IZINCOKO**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso isincoko. Bhala amagama angama-390 kwisincoko osikhethileyo.

**UMBUZO 1**

1.1 Olo suku lweza notshintsho ebomini bam. **[50]**

1.2 Ukubaluleka konxibelelwano olululo phakathi kwabazali nabantwana. **[50]**

1.3 Xa ndinokuba ngugqirha kwindawo endihlala kuyo. **[50]**

1.4 Iindlela ezinokusetyenziswa ukuphuhlisa iitalente zolutsha. **[50]**

1.5 Ifuthe lezidubedube kwezoqoqosho. **[50]**

1.6 Inkungu ilala kwiintaba ngeentaba. **[50]**

1.7 Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi uze ubhale isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



**[50]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-120 (umxholo kuphela) ngomhlathana owukhethileyo.

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBURHULUMENTE**

Bhalela inqununu ileta ngengxaki yokungabi natitshala yeziBalo njengonobhala wesigqeba sabafundi, uveze amaxhala enu njengoko ixesha lokubhala iimviwo selisondele. **[30]**

2.2 **INTETHO**

Bhala njengomfundi otyunjwe ngabanye intetho oza kuyenza kwimibhiyozo yesikolo sakho kuba siza kugqiba iminyaka engama-30 sikhona. Khankanya iminqweno eninayo ngaso nezinto eninga ningancedwa kuzo. **[30]**

2.3 **INGXOXO**

Bhala ingxoxo ephakathi kommeli wamafama nommeli wabasebenzi malunga neemeko zokusebenza. Umbhexeshi wale ngxoxo ngumsasazi wenye yeenkqubo zikanomathotholo ethi, 'Izimvo zethu.' **[30]**

2.4 **IMEMORANDAM**

Bhala imemorandam njengonobhala wekomiti yolutsha iMasibambane eya kuceba weNgingqi yakho, ucele ukuba angenelele ngokuthi azise iinkqubo eziza kwenza ukuba ulutsha luzikhwebule ekusetyenzisweni gwenxa kweziyobisi. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

Khetha umhlathana ube MNYE kule ilandelayo ubhale ngawo. Bhala amagama ali-100 (umxholo kuphela) ngomhlathana owukhethileyo.

**UMBUZO 3**

3.1 **IKHADI LESIMEMO**


Yila ikhadi lesimemo setheko lokuvuyisana nomama wakho njengoko egqiba iminyaka engama-40 ezelwe. **[20]**

3.2 **UNGENISO KWIDAYARI**

Ngenisa kwidayari yakho izinto oza kuzenza kwiveki yeeholide zeyoMsintsi njengoko ufumene ikhefu kwinkampani osebenza kuyo. Bhala ukusuka ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu. **[20]**

3.3 **UKUKHOMBISA INDLELA**

Yalathisa umqhubi wesigadla esithwele ifenitshala osuka eSettlers Monument, indlela eya eLavender Valley. Mcacisele ulandela indlela ukuze angalahleki.




**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**


Downloaded from eduresourceza.com